Intlawulelo—Esona Sipho Sikhulu SikaThixo

(Inxalenye 1)

Isekelwe kwisahluko 5 sencwadi ethi, *Yintoni Ngokwenene Efundiswa YiBhayibhile?* efumanekayo ku-www.jw.org/xh.

INJONGO: Ukuhlolisisa oko ukukholelwayo, isizathu sokuba ukukholelwe, ukuhlola oko iBhayibhile ikutshoyo nokubona ukuba ungazicacisa njani iinkolelo zakho kwabanye.

KWAKUTHENI UKUZE UYESU ASIFELE?

1 HLOLA IINKOLELO ZAKHO

Ucinga ukuba bangathini abanye abantu?

Yintoni oyikholelwayo *wena?*

Kutheni uyikholelwa loo nto?

www.jw.org/xh © 2015 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

2 HLOLA OKO KUFUNDISWA YIBHAYIBHILE

Intlawulelo sisicombululo sikaThixo kwingxaki eyabangelwa ngumntu wokuqala, uAdam.

(Funda isahluko 5 sencwadi ethi, *Okufundiswa YIBhayibhile* isiqendu 1-8.)

Funda iGenesis 2:16, 17; 3:17-19.

Kwakutheni ukuze umntu wokuqala, uAdam afe?

Funda amaRoma 5:12.

Kwenzeka njani ukuba isono sika-Adam singachaphazeli yena nje kuphela kodwa nenzala yakhe?



Isono sika-Adam sabangela ukuba yonke inzala yakhe ingafezeki, kanye njengephepha elinamachaphaza elibangela zonke iikopi eziphuma kulo zifane nalo

www.jw.org/xh © 2015 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

UThixo usenzela ububele obungasifanelanga ngokusisindisa ngentlawulelo.

(Funda isahluko 5 sencwadi ethi, *Okufundiswa YiBhayibhile* isiqendu 9-13.)

Funda amaRoma 5:19 neyoku-1 kwabaseKorinte 15:21, 22.

Ngokuthobela uThixo nokunikela ngobomi bakhe, uYesu wabenzela ntoni abantu abathembekileyo?

Funda amaRoma 3:23, 24 neyoku-1 kaYohane 4:9, 10.

Ngaba ukusindiswa ngentlawulelo yinto abantu *abafanele ukuba bayayifumana* kakade? Cacisa.

Yiyiphi eyona nto uyithandayo ngelungiselelo likaThixo lentlawulelo?

www.jw.org/xh © 2015 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

3 CACISA IINKOLELO ZAKHO

UKUBA UMNTU UTHI…

Ibisoloko iyinjongo kaThixo ukuba abantu bafe.

UNOKUPHENDULA UTHI…

Baninzi abantu abanokuvumelana nawe kuloo nto. Kodwa mna andikukholelwa oko kuba…

_____

_____

Nguwuphi umbhalo onokumfundela wona?

_____

Ungawusebenzisa njani loo mbhalo?

_____

UKUBA UMNTU UTHI…

AmaNgqina kaYehova acinga ukuba aza kusinda ngenxa yokuba eshumayela.

UNOKUPHENDULA UTHI…

Sikholelw' ekubeni ukushumayela ngowona msebenzi ubalulekileyo. Kodwa *asikholelw' ekubeni* nakanjani simele sisindiswe, kuba…

_____

_____

Nguwuphi umbhalo onokumfundela wona?

_____

Ungawusebenzisa njani loo mbhalo?

_____

www.jw.org/xh © 2015 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania